URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Chantal Adendorff**
ICandelo loLawulo noSetyenziso lweMali
Chantal.Adendorff@westerncape.gov.za | 021 467 2506

Inombolo yefayili: 26/1/P
Isalathiso: 20240918-6858

ISetyhula: 0032/2024
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kunye neehostele (kungabandakanywanga iikholeji zemfundo)

Isishwankathelo esifutshane: *Ukunyuka kwezixa ezihlawulelwa iinkxaso-mali ezahlukahlukeneyo.*

**Isihloko: Ukunyuka kwezixa ezihlawulelwa ukubhoda ehostele, ezothutho zabucala neenkxaso-mali zokubhoda kwiindawo zabucala kunye neenkxaso-mali zabasebenzi ezihostele nakwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo**

1. **Iinkxaso-mali zokubhoda ehostele, ezothutho zabucala nezokubhoda kwiindawo zabucala**

1.1 Kuvunyiwe ukunyuswa kwezi nkxaso-mali zilandelayo ukususela **nge-01 Apreli 2025:**

1.1.1 Iinkxaso-mali zokubhoda ehostele
Ixabiso lenkxaso-mali yokubhoda eliphezulu elihlawulwa kubafundi abasweleyo ababhaliswe ehostele enxulumene nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo linyukile ukususela kwi-R14 000,00 ukuya kwi-R14 644,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

1.1.2 Iinkxaso-mali zezothutho zabucala kunye nezokubhoda kwiindawo zabucala
Iinkxaso-mali zezothutho zabucala kunye neenkxaso-mali zokubhoda kwiindawo zabucala ezizezona ziphezulu ezihlawulwa kubafundi abasweleyo kwizithili zemfundo *i-West Coast*, *i-Cape Winelands*, *e-Eden* kunye nase*Central Karoo ne-Overberg*, zinyukile ukususela kwi-R5 860,00 ukuya kwi-R6 130,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

1.2 Kucelwa uqaphele ukuba ezi nkxaso-mali zingentla zibalwe ngokungqinelana novavanyo lobungakanani beentswelo oluvunyiweyo (makujongwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loCwangciso noKuphathwa kwamaZiko; 0001/2018, yowe-09 Matshi 2018) neekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0143/1998, yowe-06 Novemba 1998, nakwiSetyhula 0029/2001, yowe-13 Matshi 2001.

2. **Iinkxaso-mali zabasebenzi**

2.1 Kuvunyiwe kwakhona ukunyuswa kweenkxaso-mali zabasebenzi ezilandelayo ukususela ngowe-**01 Apreli 2025:**

2.1.1 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwizikolo ezinenani lobhaliso labafundi abambalwa kunabafundi abayi-201, kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo kunye nabasebenzi beenkonzo ngokubanzi, inyusiwe ukususela kwi-R1000,00 ukuya kwi-R1 046,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka. Kuya kuhlawulwa ubuncinane be-R52 300,00 ngesikolo ngasinye, qho ngonyaka.

2.1.2 Inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwa kwiihostele ezinxulunyaniswe nezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinabafundi abambalwa kunabayi-50, ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi bezolawulo, inyusiwe ukususela kwi-R14 000,00 ukuya kwi-R14 644,00 ngomfundi ngamnye, qho ngonyaka.

2.2 Kucelwa kuqatshelwe ukuba iinkxaso-mali zabasebenzi zibalwe ngokweekhrayitheriya ezibhalwe kwiSetyhula 0117/2000, yange-03 Septemba 2000, neSetyhula 0025/2011, yomhla we-11 Oktobha 2011.

2.3 Inani labafundi elisetyenziswe ekubaleni inkxaso-mali yabasebenzi ehlawulwayo lilingana namanani abafundi eSaveyi eQuphayo (*Snap Survey)* kumaBakala 1–12, kubandakanywa aBafundi abaneeMfuno zeMfundo eziZodwa, bonyaka wesikolo ochaphazelekayo.

2.4 Ukuba kuqinisekisiwe ukuba isikolo sinabasebenzi benkonzo karhulumente abangaphezulu kwemfuneko, inkxaso-mali yabasebenzi ayisayi kuhlawulwa kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abayi-200 okanye abambalwa, okanye kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezinenani lobhaliso labafundi abayi-50 okanye abambalwa enxulumene naso, ukuba kuqinisekisiwe ukuba isikolo sinabasebenzi benkonzo karhulumente abangaphezu kwemfuneko.

3. Iimali ziya kuhlawulwa kuphela esikolweni ukuba i-ofisi yesithili isingqina isikolo eso njengesifanelekileyo ngokumalunga nolawulo lwezemali ngokusekelwe kwimisebenzi yezemali yeekota ezidlulileyo. Ngaphezulu, ukuba isikolo asingqinwanga njengesifanelekileyo ngokumalunga nolawulo lwezemali phambi okanye ngomhla wokuphela konyaka-mali, isikolo singaphulukana nenkxaso yemali ehlawulwa ngoomatshini.

4. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ukulungiselela imibuzo zezi: **Subsidies.Wced@westerncape.gov.za**

5. Kukhunjuzwa izikolo kunye/okanye iihostele ngekhalenda yesikolo enemihla yokuphelelwa nemihla yeentlawulo ngokweSetyhula 0029/2024, yomhla we-10 Oktobha 2024.

6. Kucelwa nazise okukule setyhula abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-11-05